Kulumkele Ukuba Nomona!

Imiyalelo: Funda ezi vesi zeBhayibhile kwindawo ongazukuphazanyiswa kuyo. Njengoko ufunda yiba ngathi ulapho nawe. Yiba ngathi uyayibona into eyenzekayo. Beve ngathi bayathetha abantu abalapho uze uvakalelwe ngendlela abavakalelwa ngayo.
Abalinganiswa abaphambili: UMiriyam, uAron, uMoses
Ushwankathelo: Ngenxa yomona, uMiriyam noAron baye bamkhalazela umntakwabo uMoses.

1 HLALUTYA ESI SIGANEKO.—FUNDA INUMERI 12:1-15.

Ucinga ukuba ngabantu abanjani aba kuthethwa ngabo kule ngxelo?

UMiriyam: _____

UAron: _____

UMoses: _____

Ucinga ukuba ayenjani amazwi kaMiriyam noAron njengoko babethetha kuvesi 2?

_____

Khawube nombono ‘womqulu welifu’ nendlela elalivakala ngayo ilizwi likaYehova njengoko wayekhalimela uMiriyam noAron. Chaza oko “ukubonayo” noko “ukuvayo.” (*Phinda ufunde iNumeri 12:5-9.*)

_____

Ucinga ukuba babevakalelwa njani uAron noMoses njengoko ubeva becelela uMiriyam uxolo kuvesi 11-13?

_____

2 PHANDA.

Phakathi kukaMiriyam, uAron noMoses, ngubani owayemncinane ngeminyaka? Ucinga ukuba oku kwabangela ukuba uMiriyam noAron bathethe njani nomntakwabo uMoses? (Funda iEksodus 2:1-4, 10; 7:7.)

_____

Kwakutheni ukuze uMiriyam noAron babuze lo mbuzo: “Akathethanga nangathi na [uYehova]?” (Icebiso: Funda iEksodus 15:20, 21; 28:1-3.)

_____

Kwakutheni ukuze uYehova abe nomsindo kangaka kuMiriyam noAron? (Funda iNumeri 12:7, 8.)

_____

www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

Yintoni ekwenza ube nomdla kwindlela uMoses awasabela ngayo kumazwi agxekayo?

3 ZISEBENZISE IZINTO OZIFUNDILEYO.

Bhala izinto ozifundileyo . . .

Ngengozi yokuba nomona.

Ngento omele uyenze xa ugxekwa.

4 KHAWUZIBUZE.

Yintoni enokundenza ndibe nomona?

Xa ndigxekwa, ndinokukwazi njani ukuphendula ngokululama nangothando?

Sisiphi isifundo esibalulekileyo esifunde kule ngxelo, yaye ngoba?

Icebiso: Funda le ngxelo nabahlobo okanye amalungu entsapho ngokuvakalayo. Cela omnye ayibalise. Abanye banokufunda indawo kaMiriyam, uAron, uMoses noYehova.



Khuphela uze uprinte le PDF kwi-www.jw.org/xh

www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania